



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/ NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

CANZIBE/SILIMELA 2026

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 3

Olu viwo lunamaphepha ama-5.



IMIYALELO NENGACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:
ICANDELO A: Isincoko (50)
ICANDELO B: Imihlathi (2 x 25) (50)
2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-100
ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-(2 x 40) 80
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340–390.

UMBUZO 1

- | | | |
|-----|---|------|
| 1.1 | Wazithunga zonke iidolophu wabuya ne ... | [50] |
| 1.2 | Ulwazi lunje ke | [50] |
| 1.3 | Ndisazibuza nangoku, kwenzeka ntoni ukuze silahleke | [50] |
| 1.4 | Kubamnyama kakade xa kuza kukhanya | [50] |
| 1.5 | Ukwenza nje-e kungakwakha ... kungakuchitha | [50] |
| 1.6 | Le intanethi sisisombululo esiyinxaki! | [50] |

Imifanekiso efumaneka kwiphepha lesi-3–4 ingavuselela iingcinga ichukumise imibono engqondweni yakho.

Khetha umfanekiso ubeMNYE uze uphendule ngokubhala isincoko. Nombola iimpendulo oyikhethileyo ngokubhala (1.7 OKANYE 1.8) uze usinike isihloko isincoko osikhethileyo.

QAPHELA: Makubekho unxulumano phakathi kwesincoko sakho nomfanekiso owukhethileyo.


1.7



[Uthathwe ku-www.freeincospng.com]

[50]

1.8



[Uthathwe ku-<https://www.google.com/search?q=electrical+cables+image>]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50



ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela isizalwane sakho ileta ukhalazele indlela esizivakalisa ngayo xa sikhathazekile.

[25]**2.2 ILETA EYA KUMHLELI**

Kwiphephandaba i*Zonwabele*, kupapashwe iindaba ezingamampunge ezingokubanjwa kwemvumi edumileyo yaze yabekwa nezityholo.

Ungumanejala wale mvumi, bhala ileta eya kumhleli uphikise ezo ndaba ucele ukuba zirhoxiswe, ubanike okuyinyani.

[25]**2.3 UDLIWANONDLIBE**

ULinda Skeyi ubizelwe kudliwanondlebe lomsebenzi wobuchwepheshe bokusebenza ngombane ebenze isicelo sawo.

Bhala udliwanondlebe oluphakathi kukaLinda noMnu Fani ongumqeshi.

[25]**2.4 INQAKU LEMAGAZINI**

Usebenzela imagazini i*Liyabona*, bhala inqaku lemagazini elixhobisa ngeendlela zokukhetha umhlobo onguye.

[25]**2.5 INTETHO ESESIKWENI**

Ungunozakuzaku phakathi kwabahlali nekontraka ezokwenza ibhulorho kwingingqi yakho. Ingxaki ekhoyo kukunqaba kwentsebenziswano phakathi kwabahlali nekontraka.

Bhala intetho oza kuyenza kwintlanganiso yabahlali nekontraka ngenjongo yokuqinisekisa intsebenziswano ukuze ulwakhiwo lwebhulorho luphumelele.

[25]**2.6 INGXELO ENGEKHO SIKWENI**

Unikwe ithuba lokuphanda ngekhondo okhetha ukulilandela ebomini wade wasebenza isithuba esingangeveki uqokelela amava ngeli khondo.

Bhala ingxelo oza kuyinika ikhaya malunga nekhondo okhetha ukulilandela.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100



